NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2025

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II**
**ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II**

Ixesha: 2½ iiyure | Amanqaku: 100

---

**IMIYALELO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaphepha ali-13. Nceda ujonge ukuba iphepha lakho lemviwo liphelele.

2. Eli phepha linamaCANDELO amabini (u-A noB).

   ICANDELO A: Inoveli
   ICANDELO B: Imihlathi nemihlathana

3. KWICANDELO A – phendula YONKE IMIBUZO.
   KWICANDELO B – bhala umhlathi omde ube MNYE, nomhlathi OMNYE omfutshane.

4. Phendula imibuzo EMINE iyonke.

5. Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.

6. Umthamo wempendulo yakho mawukhokelwe ngamanqaku ombuzo.

7. Nombola iimpendulo zakho ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

---

IEB Copyright © 2025

## ICANDELO A UNCWADI

## INOVELI: *Tata Sikuxolele!* – Thembisile Nkundlwana

## UMBUZO 1 UMHLATHI NGABALINGANISWA

1.1 Funda isicatshulwa wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

> "Jonga ndinguNowinile uzungothuki. Ibholo lithi uNdabazipheli ukhutshwe okwenja walahlelwa izinxibo esitratweni ngamadoda ebenomyeni kaKatrina, akasafunwa nokubonwa kulaa ndlu ebezidla ngayo. Nangoku usaxhwarhe ndaweni ithile ayifihlayo ebantwini. Uphumile etrongweni uCharles Jansen ongumyeni kaKatrina ongazange amazise ukuba ungumfazi webanjwa. Umke emanyonywana edolophini uNdabazipheli, intombi yebala imphoxile kwakubuya umyeni wayo. Sala kakuhle Nkosikazi Jali". Lwavalwa ucingo nguNowinile lowo.

1.1.1 Uthetha nabani uNowinile apha kwesi sicatshulwa? (1)

1.1.2 Yintoni umsebenzi kaNowinile? (1)

1.1.3 Bhala umxholo weendaba eziza noNowinile. (2)

1.1.4 Khankanya izinto zibeMBINI awaziwa ngazo uNdabazipheli. (2)

1.1.5 Chaza isizathu sokuba uNowinile axelele uNkosikazi Jali iindaba zokukhutshwa kukaNdabazipheli kwindlu ebehlala kuyo noKatrina. (1)

1.1.6 Ukhutshwa ngubani uNdabazipheli kule ndlu ebehlala kuyo noKatrina? (1)

1.1.7 Usebenzise esiphi isixhobo sonxibelelwano uNowinile ukuhambisa iindaba? (1)

1.1.8 Ebephi uCharles Jansen ngeli xesha uKatrina ethandana noNdabazipheli? (1)

1.1.9 Ucinga ukuba ngubani obefanele ukuva iindaba zokukhutshwa kukaNdabazipheli kwindlu ebehlala kuyo noKatrina?
Xhasa impendulo yakho. (2)

**[12]**

IEB Copyright © 2025

1.2 Phendula imibuzo ngo**BUHLOBO** bukaNdabazipheli noKatrina.

1.2.1 Bahlobene njani uKatrina noNdabazipheli? (1)

1.2.2 Chaza izinto zibe MBINI ezimbi aziwa ngazo uKatrina. (2)

1.2.3 Zeziphi iindaba ezothusa uNdabazipheli ngoKatrina? (1)

1.2.4 Wenze ntoni uNdabazipheli ukubonisa uthando lwakhe kuKatrina? (1)

1.2.5 Ucinga ukuba uKatrina wayemthanda ngenene uNdabazipheli? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[7]**

## UMBUZO 2 ABALINGANISWA NESIMO SENTLALO

Khetha impendulo echanekileyo kwezi uzinikwe ngezantsi.

2.1 … ngumlawuli omtsha kwisikhululo senqwelo-moya saseMonti.

A USilinda
B UNkosikazi Jali
C UMnumzana Wonder (1)

2.2 … ngunogada kwisikhululo senqwelo-moya.

A UMayitshe
B UNdabazipheli
C USikhomo (1)

2.3 Umzi wakwaNokhonza wawuse … Gqibezela.

A eNkanga.
B eTsholomnqa.
C eMonti. (1)

2.4 … wakhulela ezilalini elima esalusa.

A ULuyanda
B UNdabazipheli
C UKhohlela (1)

2.5 UMamThembu wayengumongikazi kwisibhedlele sase Victoria e … Gqibezela.

A Monti.
B Dikeni.
C Tsholomnqa. (1)

IEB Copyright © 2025

2.6 … wabakhulisa kabuhlungu abantwana bakhe ehamba ehlala.

A UKatrina
B UNkosikazi Jali
C ULungiswa (1)

2.7 … unobuntu kwaye akayifuni into embi.

A ULungiswa
B UNkosikazi Jali
C UKatrina (1)

2.8 … ubandakanyeka kwizenzo zokubulawa nokunyamalala kwabantu.

A UCharles
B UPhendla
C UKhohlela (1)

2.9 … ngumzali onenyani nofuna uxolo phakathi kosapho lwakhe.

A UManelisi Fumbatha
B USiyalo
C UKhohlela (1)

2.10 … uthe wakuzibona iziphoso zakhe wayokucela uxolo kusapho lwakhe.

A UNdabazipheli
B UKhohlela
C UManelisi (1)

2.11 Ubunzima abahlangabezene nabo amawele abenze ukuba … Gqibezela.

A ngamasela.
B baziphindezele.
C basebenzele ukuphuma kwintlupheko. (1)

**[11]**

IEB Copyright © 2025

## INCOKO

Khetha incoko ibe **NYE** kwezi zingezantsi.

Incoko yakho mayibe phakathi **kwamagama ali-130** ukuya **kumagama ali-180 ubude**.

Khetha phakathi **koMBUZO WESI-3 noMBUZO WESI-4**.

## UMBUZO 3

| |
|---|
| Amawele atyelela kwaNoKhonza eNkanga afika uKhohlela egula. |

Bhala incoko ephakathi kwamawele noKhohlela owayengaphilanga engaseva kakuhle nangendlebe.

Kumxholo wakho chaphazela ezi ngongoma:

- UKhohlela makabonise ukungawaqondi ukuba ngobani amawele.
- USilinda makazazise kuKhohlela.
- UKhohlela makothuke aze acele uxolo kumawele ngendlela awayewaphethe ngayo.
- USilinda noSinekusasa mabaphendule ngokubonisa ukungasikhathaleli isimo akuso uKhohlela.
- USilinda makayeke ukuncokola noKhohlela athethe noLuyanda noSiviwe.
- UKhohlela makabulele ngobubele bamawele bokubacinga yena noonyana bakhe.

**[Isakhiwo sedayalogu/sencoko naso siya kuthathelwa ingqalelo.]**

**[15]**

**OKANYE**

## UMBUZO 4

| |
|---|
| UNowinile uzisa amawele kwaMamThembu eTsholomnqa. |

Bhala incoko phakathi kukaNowinile noMamThembu owayethuswe ziindwendwe eziza noNowinile.

Kumxholo wakho chaphazela ezi ngongoma:

- UNowinile makaxelele uMamThembu isizathu sokuba azise amawele kuye.
- UmamThembu makabonakalise ukothuswa zindaba azichazelwa nguNowinile.
- UNowinile makachazele uMamThembu ngeendwendwe ezi nangendlela adibene nazo ngayo.
- UMamThembu makothuswe yile ntetho kaNowinile ecinga nentlupheko abakuyo.
- UNowinile makakhuthaze uMamThembu ngokujonga iindwendwe ezo aza nazo.

**[Isakhiwo sedayalogu/sencoko naso siya kuthathelwa ingqalelo.]**

**[15]**

## ISINCOKO

Khetha isincoko sibe si**NYE** kwezi zilandelayo.

Phendula **UMBUZO WESI-5** okanye **UMBUZO WESI-6**.

Isincoko sakho masibe phakathi **kwamagama ali-180** ukuya **kumagama angama-200 ubude**.

## UMBUZO 5

Bonisa indlela uthando oluyitshintshe ngayo impilo KaMamThembu noNdabazipheli.

**Kumxholo wakho chaphazela ezi ngongoma:**

- **Kumhlathi wentshayelelo:** Sixelele ngendlela ebebephila ngayo kuqala.
- **Kumhlathi wesiqu:** Sixelele ngeziganeko ezehlileyo nendlela ezibachaphazele ngayo.
- **Kumhlathi wesiqu:** Sixelele ukuba ezi ziganeko ziyitshintshe njani impilo yabo.
- **Kumhlathi wesiphelo:** Sixelele ukuba olu tshintsho lube neziphumo ezinjani empilweni yabo.

**[Isakhiwo sesincoko naso siya kuthathelwa ingqalelo.]**

**[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 6

Bonisa **ubunzima** abagqithe kubo uSilinda noSinekusasa phambi kokuba bakwazi ukuphumelela ebomini.

Kumxholo wakho chaphazela ezi ngongoma:

- **Kumhlathi wentshayelelo:** Sichazele ngabazali babo.
- **Kumhlathi wesiqu:** Sichazele ngobunzima bentlalo yabo kwaKhohlela.
- **Kumhlathi wesiqu:** Sichazele ngobunzima abagqithe kubo ekufuneni utata wabo.
- **Kumhlathi wesiphelo:** Sichazele ngendlela abafikelele ngayo kwimpumelelo.

**[Isakhiwo sesincoko naso siya kuthathelwa ingqalelo.]**

**[25]**

**70 amanqaku**


IEB Copyright © 2025

## ICANDELO B IMIHLATHI EMIDE

- Phendula **ileta yoburhulumente** okanye i-**imeyile**.
- Impendulo yakho mayibe phakathi **kwamagama ali-150** ukuya **kumagama ali-180 ubude**.
- Ukuba ukhetha i-imeyile, sebenzisa isakhiwo se-imeyile esingezantsi ephepheni 11.
- Bhala phantsi inombolo yombuzo nohlobo lobhalo.

## UMBUZO 7 ILETA YOBURHULUMENTE

Bhalela umanejala wendawo obu-ode kuyo iincwadi zakho ukhalazele ukulibaziseka ekufikeni kwezi ncwadi.




[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Chaphazela ezi ngongoma:

- Mxelele ngokuphazamiseka okubangelwa kukungafiki kwezi ncwadi.
- Mxelele ukuba uziva njani ngale meko yokuba zingade zifike.
- Cela ukurhoxisa i-oda yakho.

**[20]**

**OKANYE**

**UMBUZO 8 ILETA YOBURHULUMENTE**

Bhalela umphathi wakho ileta ucele imvume yokufunda ngelixa usebenza kwinkampani yakhe.




[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Chaphazela ezi ngongoma:

- Chaza isizathu sokuba ufune ukufunda.
- Kuza kuyinceda njani inkampani.

**[20]**

**OKANYE**

IEB Copyright © 2025

**UMBUZO 9 I-IMEYILE**

Bhalela umhlobo wakho i-imeyile umxelele ngomnye welungu losapho lwakho olusebenzisa iziyobisi.



[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Chaphazela ezi ngongoma:

- Mxelele indlela eniziva ngayo ngaye.
- Mxelele ifuthe lezi ziyobisi kusapho lonke.
- Cela inkxaso yakhe.


**[20]**

**OKANYE**

IEB Copyright © 2025

**UMBUZO 10 I-IMEYILE**

Bhalela uMasipala wendawo ohlala kuyo i-imeyile ukhalazele *iidreyini* ezibhlokileyo neziphuphumayo.



Chaphazela ezi ngongoma:

- Xela ukuba kuyichaphazela njani impilo yenu.
- Cebisa izinto ezingenziwa ukunqanda oku.
- Chaza umahluko ongenzeka ngenxa yeengcebiso zakho.

**[20]**


## IMIHLATHANA

Khetha umhlathana ube**MNYE** kule ingezantsi uze ubhale ngawo.

Umhlathana wakho kufuneka ube **ngamagama ali-120–150** ubude.

## UMBUZO 11 IFLAYA

Yila iflaya apho uzakube uhambisa/dlulisa umyalezo wokuxhasa/ukuncedisa abafundi abasokolayo kwisifundo osithandayo nosiqonda kakhulu.



[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Chaphazela ezi ngongoma:

- Sesiphi isifundo onganceda kuso?
- Ixesha nendawo oza kukwenzela kuyo oku.
- Ixesha elithathwa sesi sifundo.

**[10]**

**OKANYE**

IEB Copyright © 2025

## UMBUZO 12 IDAYARI

Bhala idayari usichazele ngokutya okukhethileyo ozakutya iintsuku ezintlanu ukuphucula impilo yakho.



[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

**[10]**

**30 amanqaku**

**Amanqaku ewonke: 100**

IEB Copyright © 2025